

UYILO LWESIFUNDO : ILITHERASI

IBANGA LOKUQALA (1) IYURE NGEMINI-----1yure ,50miz. -----IXESHA LILONKE –2 iiveki.

UMHLA EKUQALWE NGAWO-----UMHLA EKUGQITYWE NGAWO-----

UMXHOLO WESIFUNDO---- -USAPHO----- ISIHLOKO SESIFUNDO (Ndiyathandwa ekhaya)

IKOTA YESIBINI

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO KWESI SIFUNDO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA	INKQUBO YOHLLOLO
<p>PF 1: UKUMAMELA GH 1:Mamela ngenyameko kwimiyalezo nezaziso, kwaye aphenidule ngokufanelekileyo GH 2: Bonisa ubuchule bokumamela ngokuthi amamele ngaphandle ngokuphazamisa GH 5: Mamela imiyalezo baze bayidlulise ngokufanelekileyo</p>	<p>PF 2: UKUTHETHA GH 6: Gqithisa imiyalezo PF 3: UKUFUNDA NOKUBUKELA GH GH 3.4:Phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo ngokuchaza ukuba uyalithanda ibali okanye akalithandi aze anike izizathu PF 4 UKUBHALA GH 5.1: Ubhala</p>	<p>Utitshala ufundela abafundi ibali elimalunga nosapho, baze bachaze iimvakalelo zabo. (Iklasi yonke, baphendula ngabanye ngabanye imvakalelo zabo) Kuxoxwa ngosapho (ngokwamaqela) kusetyenziswa imifanekiso.Abafundi bacacisa ulwelamano namalungu osapho olongezelelweyo. Babala ngokuthembekileyo amalungu osapho, benikana amathuba abanye bemamele. Banikana imiyalelo abazenzele yona, baze</p>	<p>IINTLOBO ZOHLOLO Umlingane-baqwalasela ukuba bayayilandela na imiyalelo. Utitshala Usebenzisa itshekhilist eqwalasela ukuba bayayilandela na imiyalelo INDLELA YOKUHLOLA Incoko yomlomo Umfundi umamela ngomdla aphenidule. Unako ukuthabatha inxaxheba aze abuze. Ukubhala</p>

	<p>amagama amele abantu abaqhelekileyo iindawo, nezinto</p> <p><u>UNXULUMANISO</u> <u>NEZINYE IZIFUNDO</u></p> <p>ISIFUNDO NGEZOBOMI PF 2: UKUPHUHLISA EZENTLALO GH 3: Cacisa ulwelamamo namalungu osapho olwandisiweyo noluntu ngokubanzi</p> <p>INZULULWAZI NGEZOBUGQI PF1: UPHANDO NGEZENZULULWAZI ENZA GH 1: Zenzela imiyalelo nokuboniso okanye ukuxela okwenziwayo</p> <p>IMATHEMATIKA PF 1: AMANANI, UKUBALA NOLWALAMANO GH1: Bala izinto zemihla ngemihla ezithembakeleyo ubuncinane ukuya kuma 34</p>	<p>bayilandele. Abafundi amamela kwizithethi baze baphendule imibuzo emalunga neentsapho zabo. Abafundi bathetha ngamava malunga neentsapho zabo. Abafundi balandela imiyalelo katitshala ngokuzoba imifanekiso yosapho. Abafundi babhala amagama amele usapho umz: utata, umama, ecaleni komfanekiso. Badlala umdlalo-mlinganiso wokunxibelelana ngemfonomfono nezihlobo bedlulisa imiyalezo. Bachazelana ngemo-zulu baze bazobe amafu, amachaphaza emvula ,ilanga ,umoya baze babhale lo magama achaza imo-zulu. Bachazela iklasi izinto ezinxitywa lusapho baze bazibale(count) babhale amanani ngamazwi-umz lijezi zam zi 5-(zintlanu) Amanani abhalwa ngamazwi.</p>	<p>Uyaqaphela ukuzalana kwezandi magama</p> <p>Umboniso Uyayilandela imiyalelo ukuze abonise akwenzileyo umz. Ukwenza imvulophu ngephepha.</p> <p>YOKUREKHODISHA</p> <p>Itshekhilisti /</p> <p>Incwadi yokubonwayo</p> <p>uTitshala urekhodisha akubonayo kwinkqubo yokuvavanya umntwana kumabakala nankalo zonke zesifundo</p>
--	--	--	---

	ngokuthembakeleyo		
IZIXHOBO ZOKUFUNDISA	IZITHINTELO ZOKUFUNDA:	AMATHUBA ONGEZELELWEYO	Okuboniswa ngu Titshala malunga nesifundo.(Teacher Reflection.)
Incwadi yokufunda	Umfundi ongevayo kakuhle ngendlebe.	Kongezwa izixhobo zokufunda.	
Ipowusta	Umfundi ongaboni kakuhle .	Ixesha lokuziphuhlisa liyongezwa.	
Ikrayoni neepensile	Inani elikhulu labafundi		
Oonotsheluzi			
Imifanekiso	Ukunqongophala kwezixhobo zokuncedisa ekhaya nasesikolweni.		

UYILO LWESIFUNDO : ILITHERASI

IBANGA LOKUQALA (1) IYURE NGEMINI—1yure 50 imiz..-----

IXESHA LILONKE -----2 iiveki-----

UMHLA EKUQALWE NGAWO-----UMHLA EKUGQITYWE NGAWO-----

UMXHOLO WESIFUNDO-----USAPHO----- ISIHLOKO SESIFUNDO- IMISEBENZI YEKHAYA-----

IKOTA YESIBINI

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO KWESI SIFUNDO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA	INKQUBO YOHLLOLO
PF 1: UKUMAMELA GH 3: Mamela ngolonwabo amabali amafutshane, imvanozandi, imibongo neengoma, kwiinkcubeko ezahlukeneyo kwaye abonise ingqiqo ngo: - kumamela ingcinga engundoqo nokubaluleka	PF 2: UKUTHETHA GH 5: Balisa iziganeko ngokulandelelana GH 6: Gqithisa umyalezo GH 8.2: Phendula imibuzo ebuzwa ngabaphulaphula PF 3: UKUFUNDA NOKUBUKELA GH 2.2: Utyhila	Utitshala ubalisa ibali elingentlalo yethu emakhaya . Usebenzisa imifanekiso. Abafundi bayalelwa ukuba bavale amehlo bacinge ngengcinga engundoqo yebali. Utitshala ubuza imibuzo ngebali esebenzisa imifanekiso. FAT1 Umfundi ubeka imifanekiso emine ukuya kwemithandathu ngokulandelelana . Abafundi balinganisa ibali	IINTLOBO ZOHLOLO Umlingane-baqwalasela ukuba bayayilandela na imiyalelo. Utitshala Usebenzisa itshekhilist eqwalasela ukuba bayayilandela na imiyalelo

<p>- kobunzulu bebalini, ingoma okanye imvanozandi, kungenelela kwimpinda-ngoma</p> <p>- kuzoba imifanekiso yebali kwaye abhale amagama ambalwa okanye isivakalisi ngayo</p> <p>- kubeka imifanekiso ngokulandelelan a kwayo nokubhala nokuyihlanganisa nezihloko</p> <p>- kuphendula imibuzo ephangaleleyo malunga nebali</p> <p>- kwazisa ingcinga ngokulandelelan a</p> <p>GH 4: mamela, nokonwabela nokuphendula ngokufanelekileyo kooqash-qashi neziqhulo</p>	<p>amaphepha ngokufanelekileyo</p> <p>PF 4: UKUBHALA GH 2.2: Uphendula kumfanekiso ngezivakalisi ezilula</p> <p>PF 5: UKUCINGA NOKUQIQA GH 2.1: Kuqonda nokusebenzisa ulwimi ekuqiqeni nakwingqiqo njengakwintsusa nesiphumo</p> <p>PF 6: UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI GH 1.2: Kusebenzisa izandi ukufunda nokupela amagama</p> <p><u>KWEZINYE IZIFUNDO</u></p> <p>INZULULWAZI NGEZENTLALO PF 1: UPHANDO NGEZEMBALI GH 1: Phendula imibuzo elula malunga nambali akudala (ukuphendula imibuzo)</p> <p>INZULULWAZI NGEZOBUGQI</p>	<p>bethetha ngokwemo yomlinganiswa, umz: ilizwi elikhulu, eliphantsi, elithobekileyo.</p> <p>Utitshala ubuza abafundi imibuzo ngebali</p> <p>FAT1:Uphendula esebenzisa isivakalisi esinye ukuya kwezithathu.</p> <p>Ubonakalisa iimvakalelo zakhe malunga nebali.</p> <p>Utitshala ubiza igama elinezandi ezithathu ukuze umfundi abize isandi esisekuqaleni, umz: mna=m.</p> <p>Banakana isininzi umz: mna-thina, yena-bona.</p> <p>(FAT1:Abafundi bazoba imifanekiso yendawo abazithandileyo baze babhale amagama ngawo baphuhlise uhuqonda ibali.</p> <p>Abafundi bakha amagama amafutshane besebenzisa izandi ezifundiweyo.</p> <p>Bayafunda baqaphele ukuzalana kwezandi ezifundisiweyo.</p> <p>Baxoxa ngebali besenza oqashi-qashi neziqhulo umz: ndinamntu wam uyandithuzela xa ndifike ndilila ekhaya, qashi-qashi umama undiphekele ntoni ekhaya, qashi-qashi ngubani ondkhaphayo xa ndisiza esikolweni</p> <p>Abafundi babaliselana bengamaqela ngemisebenzi</p>	<p>INDLELA YOKUHLOLA</p> <p>Incoko yomlomo Umfundi umamela ngomdla aphenyule.</p> <p>Unako ukuthabatha inxaxheba aze abuze.</p> <p>Ukubhala Uyaqaphela ukuzalana imva kwezandi magama</p> <p>Umboniso Uyayilandela imiyalelo ukuze abonise akwenzileyo umz. Ukwenza imvulophu ngephepha.</p> <p>YOKUREKHODISHA</p> <p>Itshekhilisti /</p> <p>Incwadi yokubonwayo</p> <p>uTitshala urekhodisha akubonayo kwinkqubo yokuvavanya umntwana kumabakala nankalo zonke zesifundo</p>
--	---	--	---

<p>GH 6: Phuhlisa ingqiqo yezandi ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> - kwahlula phakathi kwezandi ingakumbi ekuqaleni kwamagama - kunakana amanye amagama anemvano zandi eqhelekileyo nakwingoma - kunakana isininzi 	<p>PF 1: UPHANDO NGEZENZULULWAZI 1. YILA: UKUZIYILELA UPHANDO GH 1.2: Sebenzisa imifanekiso, imizobo okanye ezinye impawu zokhetho ukucacisa ukuba kuzakwenziwa ntoni</p> <p>GH 3: HLOLA: UKUCINGA MALUNGA NOKWENZIWEYO AZE AXELE OKO KUFUNYANISIWEYO -zenzela okanye ngokuncedwa ukubonisa kwaye axele obekusenziwa esebenzisa iingcinga zakhe nezinto ukucacisa yintoni evuselele ukufuna ulwazi</p>	<p>yabo emakhaya. Umz. Ndivuka ndihlambe Ndivuka ndondlule. Utitshala ubafundisa isicengcelezo esimalunga nokusebenza. Umz. Yiya embovaneni vila –ndini. Bafundiswa nengoma kwakule miba.</p>	
<p>IZIXHOBO ZOKUFUNDA</p> <p>Imifanekiso Oonotsheluzo Ikkrayoni nepensile Izinto zokulinganisa ibali Iincwadi zamabali Amagama anqunqiweyo</p>	<p>IZITHINTELO ZOKUFUNDA</p> <p>Umntwana ongevayo ngeendlebe Umntwana ongaboniyo Umntwana ongakwaziyo ukuthetha</p>	<p>AMATHUBA ONGEZELELWEYO.</p> <p>Ixesha lokubaphuhlisa liyongezwa. Banikwa amthuba bakhuthazwe ngabanye bade baphuhle</p>	<p>Okuboniswa ngu Titshala malunga nesifundo.(Teacher Reflection.)</p>

lifoto			
--------	--	--	--

UYILO LWESIFUNDO : ILITHERASI

IBANGA LOKUQALA (1) IYURE NGEMINI---1yure 50 miz.-----IXESHA LILONKE –2 iiveki-----

UMHLA EKUQALWE NGAWO-----UMHLA EKUGQITYWE NGAWO-----

UMXHOLO WESIFUNDO-----USAPHO----- ISIHLOKO SESIFUNDO (AMAXESHA OLONWABO EKHAYA)

IKOTA YESIBINI

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA	INKQUBO YOHLOLO
PF 2: UKUTHETHA GH 1: Thetha ngamava akhe, izimvo nezihlobo GH 2: Azisa ngengcamango besebenzisa inkcazelo enomdla namagama entshukumo	<u>KWESI SIFUNDO</u> PF 1: UKUMAMELA GH 1: Mamela ngenyameko kwimiyalelo nezaziso kwaye aphenidule ngokufanelekileyo GH.7: ukwazisa ingcinga ngokulandelelana PF 4: UKUBHALA GH 2.2: Uphendula	Utitshala uyalela abafundi ukuba bancokole kumaqela amancinci: <ul style="list-style-type: none"> - amaxesha amnandi abathi bawachithe nezihlobo kunye neentsapho zabo. - Ngawaphi amalungu osapho abathanda ukuchitha ixesha nawo, ngoba 	INDLELA Utitshala: uqwalasela indlela aqhuba ngayo umfundi xa ebalisa ngamava akhe. Utitshala urekhodisha inkqubo kwincwadi yokubonwayo Amaqela: ingxoxo yamaqela

	<p>kumfanekiso ngezivakalisi ezilula GH 2.3: uxoxa neklasi (ngababini okanye nangamaqela ngehloko nangengcinga zobhalo lwabo</p> <p>PF 6: UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI GH 5: Sebenzisa ulwimi lwentlalo oluvakalisa imbeko, Umz: ukwenza izicelo eziphucukileyo</p> <p>KWEZINYE IZIFUNDO</p> <p>UBUGCISA NENKCUBEKO PF 2.1: Dityaniswa Ukutolika amagama, imihobe, amabali neengcinga ngokudlala, ngokucinga kamnandi nangentekelelo</p> <p>IZIFUNDO NGEZOBOMI PF 2: UKUPHUHLISA EZENTLALO</p> <p>GH 3: Cacisa ulwalamano namalungu osapho kusapho olwandisiweyo noluntu ngokubanzi</p> <p>UBUGCISA NENKCUBEKO PF 3:UKUTHATHA</p>	<p>- Bancokoloa ngeendlela ababonisa ngayo ukunakekela nokonwabisa izihlobo ezingaphilanga umz: ukubapha izipho, ukubatyela ezibhedlele, ukubhalela nokubafundela imiyalezo yeminqweno emihle</p> <p>Baxoxa ngeendidi zeziyolo umz: umtshato kasisi, umhla wokuzalwa Babhala izivakalisi ngeziyolo abakhe baya kuzo. Umz: umgidi. Umhla wokuzalwa. Bayalinganisa ngamva abo xa bethetha nabantu abakhulu kunabo , ekuceleni imvume nokubulisa, Umz: molo mama, ndicela ukuya kwitheko lokuzalwa komhlobo wam. Baxoxa ngemifanekiso abayinikiweyo, ukuba kwenzeka ntoni Bagqibezela izivakalisi ezingaphelelanga ngamagama abawanikiweyo umz: usisi uya -----(cula), bazifunde izivakalisi bakugqiba, Bacula ingoma abazivileyo</p>	<p>UHLOBO</p> <p>Ezomlomo lincoko Ingxoxo lintetho ezimfutshane lingoma Amabali.</p> <p>Okubhalwayo Imiyalezo ebhalwayo Iminqweno emihle Ukucula Izivakalisi zovelwano.</p>
--	--	--	---

	<p>INXAXHEBA NENTSEBENZISWANO Cula GH 1: Ukuthabatha inxaxheba kubizo lomculo nokuphendula kwimidlalo nemisebenzi</p> <p>INZULULWAZI NEZENTLALO PF 1: UKUPHANDA NGEZEMBALI GH 1: Phendula imibuzo elula malunga namabali akudala</p>		
<p>IZIXHOBO ZOKUFUNDA NOKUFUNDISA</p> <p>Imifanekiso</p> <p>Oonotsheluzo</p> <p>Ibhanki yamagama</p> <p>Izixhobo zokubhala</p> <p>Iincwadi zamabali</p>	<p>IZITHINTELO</p> <p>Ukungeva ngeendlebe</p> <p>Inani elikhulu labafundi</p>	<p>AMATHUBA ONGEZELELWEYO</p> <p>Abafundi abangaqondiyo banikwa elinye ithuba lokubalisa de benze kakuhle.</p> <p>Abagqwesayo banikwa umsebenzi baqhube bezenzela bencedwa xa befanele.</p>	<p>Okuboniswa nguTitshala ngesiFundo: (Teacher's reflection)</p>

UYILO LWESIFUNDO : ILITHERASI

IBANGA LOKUQALA (1) IYURE NGEMINI-----IXESHA LILONKE -----

UMHLA EKUQALWE NGAWO-----UMHLA EKUGQITYWE NGAWO-----

UMXHOLO WESIFUNDO-----USAPHO----- ISIHLOKO SESIFUNDO (Masibukele sifunde)

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA	INKQUBO YOHLLOLO
<p>PF 3: UKUFUNDA NOKUBUKELA GH 1: Sebenzisa ngezikhokelo ezibonwayo ngokuphuhlisa intsingiselo ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> - qikelela iqweqwe lencwadi ukuba ibali lingantoni - kusebenzisa imifanekiso ukutolika intsingiselo aze abalise ibali - kutolika ulwazi ukuquka izintlu ezilula negrafu 	<p>Kwesi sifundo</p> <p>PF 4 Ukubhala GH 5.4 .Ukwakha amagama kwibhanki yamagama nakwi sichazi magama sakhe.</p> <p>PF 5 Ukucinga nokuqiqa GH 2.1 Ukuqonda nokusebenzisa ulwimi ekuqiqeni nakwingqiqo ,njengakwintsusa neziphumo.</p> <p>GH 3 Sebenzisa ulwimi ekuphandeni nasekuphononogeni</p>	<p>Utitshala ubonisa abafundi incwadi enkulu baze babuke umfanekiso ongaphandle. Baqikelela ukuba umxholo ungantoni na. Baxoxa ngomfanekiso ongaphandle eqweqweni besebenzisa oonotsheluzi. Utitshala uncamathisela amagama avela ebalini ebhodini aze awafunde kunye nabantwana. Ubabuza ukuba elo bali lizakwenzeka phi na. Utitshala ufunda ibali ekhomba igama ngalinye bephulaphule abafundi Utitshala ufunda ibali kunye nabantwana ekhomba igama</p>	<p>UHLOBO</p> <ul style="list-style-type: none"> -Utitshala-Ujonga ukufunda ngaphandle kwamagingxigingxi -Ukhangela iziphumlisi zisetyenziswa kakuhle na - Ukhangela ukuba ilizwi liyatshintsha-tshintsha ngokwemeko yesifundo - ukhangela ukuba banako na ukutolika okushicilelweyo, izibhengezo njl Ukhangela ukuba abafundi bazibamba ngokufanelekileyo incwadi -Umlingane Babuzana ngamava abo Bakhupha undoqo webali ngalinye.

<p>ezifunyanwa kokushicilelweyo kwizixhobo zokusasaza nakwizazisi ezifana neekhalenda izibhengezo ze HIV nakuludwe lamagama</p> <p>GH 2: Linganisa ukufunda ngo: - kubamba incwadi ngendlela efanelekileyo - kutyhila amaphepha ngokufanelekileyo - Kujonga emagameni Nakwimifanekiso - kusebenzisa imifanekiso ukwenza iingcinga.</p>	<p>ngo Kubuza imibuzo nokukhangela ingcaciso. Ukunika ingcaciso nezisombululo Ukusebenzisa ubuchule obulula ukufumana nokurekhodisha ulwazi njengokuphanda iilwimi ezithethwa liqela okanye ukufumana ulwazi olusemholweni kwizicatshulwa Ukusombulula ,imifanekiso nepazili yamagama.</p> <p>PF 6: UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI.</p> <p>GH 1:Sebenzisa izandi ukufunda nokupela amagama.</p> <p>GH 2.2 Pela amagama aqhelekileyo ngokuchanekileyo.</p> <p>Kwezinye izifundo</p> <p><u>Kwezinye izifundo</u> <u>Ubugcisa nenkcubeko</u></p> <p><u>PF 4 Ukuzivakalisa nokunxibelelana</u></p> <p><u>GH : Danisa Ukuhlola</u></p>	<p>ngalinye besebenzisa incwadi enkulu. Ubabuza imibuzo ezama ukuqonda ukuba balivile na ibali. Abantwana bafunda incwadi ezincinci zamabali, bengamaqela amancinci. Xa befunda utitshala ubabonisa indlela yokubamba incwadi ukuze zingakrazuki Ubafundisa indlela efanelekileyo yokutyhila incwadi</p> <p>Babhala amagama angundoqo ebalini ezincwadini zabo Abafundi badlala ibali elo. Utitshala ubakhuthaza ukuba bathathe . Utitshala unika abafundi imifanekiso equka izibhengezo, ikhalenda, neepowusta. Ubakhuthaza ukuba baxoxe ngoko bakubonayo (FAT2: Utolika ulwazi olushicilelweyo kwizixhobo zokusasaza nakwizaziso ezifana neekhalenda, nezibhengezo zeHIV nakuludwe lamagama) Benza isicengcelezo Kumnadi esikolweni Kodwa kuyafundw” eskolweni!!</p>	<p>INDLELA</p> <p>-Ezomlomo -imiyalezo inkcazelo -Ukudlala</p> <p>IZIXHOBO</p> <p>- Incwadi yokubonwayo - Irubriki</p> <p>Iintlobo zohlolo:</p> <p>-Utitshala Uphonononga inkqubela phambili yomfundi. -Umlingane Wenza uqhelaniso ngokuhlola nokukhuthazana nomnye umfundi ngoncedo lukatitshala.</p> <p>izixhobo zokuhlola</p> <p>umsebenzi wohlolo</p> <p>-Ezomlomo Ingxoxo Inkcazelo Imiyalelo</p>
--	---	--	--

	<u>izandi zezikhamiso</u> <u>namaqabane namanani</u> <u>nokucinga kamnandi</u> <u>ngentshukumo</u> <u>nemidlalo yentshukumo</u>		izibhengezo -Ukubhala -Ukudlala Bayanxibelelana nabanye xa kudlalwa. Ukufunda Bafunda izibhengezo izaziso
Izixhobo zokufunda nokufundisa Imifanekiso Isishicileli Iincwadi (Enkulu nwezincinci) Ikhrayoni Iipensile Izikere Izincamathelisi Ipowusta Izibhengezo Ikhalenda Izaziso	IZITHINTELO Ukungaboni Ubuthakathaka bengqondo. Ukunqongophala kweencwadi zokufunda (iincwadi ezinkulu neencwadi ezincinci)	Amathuba ongezelelweyo Banikwa amaxesha ongezelelweyo. Bongezwa izixhobo zokubancedisa.	Okuboniswa ngu Titshala malunga nesifundo.(Teacher Reflection.)

UYILO LWESIFUNDO : ILITHERASI

IBANGA LOKUQALA (1) IYURE NGEMINI----1yure 50 miz.-----IXESHA LILONKE ----2 iiveki-----

UMHLA EKUQALWE NGAWO-----UMHLA EKUGQITYWE NGAWO-----

UMXHOLO WESIFUNDO-----USAPHO----- ISIHLOKO SESIFUNDO (Siyabhala sizobe)

IKOTA YESIBINI

IZIPHUMO ZEZIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA	INKQUBO YOHLOLO
<p>PF4: UKUBHALA GH 1 : Bhala >ngokufundeka okukhulayo ngo : >Kusebenzisa izixhobo zokubhala ,ikrayoni ,neepensile ngokufanelekileyo, >Kuvelisa ukwakhiwa koonobumba nobuchule bokubhala ngesandla (iipateni,imizobo,nokufunda amagama) >Kwenza oonobumba be alfabethi ngempumelelo.</p> <p>GH 2 Sebenza imisebenzi yangaphambi kokubhala ngo:</p>	<p>Kwesi sifundo PF 1: Ukumamela. GH 3.3 kuzoba imifanekiso yebali abhale amagama ambalwa okanye isivakalisi. PF 2 UKUTHETHA GH 8:Thatha inxaxheba kwiingxoxo zaseklasini. PF3: UKUFUNDA NOKUBUKELA GH 5.1 Ukunakana nokubiza oonobumba be Alfabethi. PF 6 UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA</p>	<p>Abafundi banikwa iipensile baze baboniswe indlela elungileyo yokuyibamba. Abafundi bazoba iipateni abazinikiweyo baze bakhuphele amagama. Abafundi bancokola iindaba zasekhaya nabazivileyo baze bazibhala phantsi kunye notitshala. Babhala izivakalisi ezifutshane ngeendaba zamava abo. Bafundiswa ukubhala oonobumba abancinci belandela ipateni, amanani avela kwingxoxo zabo</p>	<p>UHLOBO lohlolo</p> <p>Utitshala- uqinisekisa ukuba abntwana bayakwazi ukuzibamba ngokufanelekileyo izixhobo zokubhala.</p> <ul style="list-style-type: none"> - ujonga izithuba phakathi kwamagama nziphumlisi - ujonga ukuba abafundi bayakwazi na ukukhuphela iipateni noonobumba,amanani namagama ebhodini kakuhle <p>-Umlingane- ujonga ukuba amagama ahamba nomfanekiso na</p>

<ul style="list-style-type: none"> ➤ kuyila nokusebenzisa imizobo njengogqaliselo lokubhala. ➤ Kuphendula kumfanekiso ngezivakalisi ezilula ➤ Kuxoxa neklasi (ngababini okanye ngamaqela ngezihloko nangeengcinga zobhalo lwabo) 	<p>KOLWIMI. GH 3.2 Kusebenzisa iziphumlisi-unobumba omkhulu ekuqaleni Kwesivakalisi. GH 3.3 Kusebenzisa isingxi.</p> <p>Kwezinye izifundo INZULULWAZI NEZOQQQOSHO NOLAWULO PF2 GH 2 Bonisa izakhono zokusebenzisana nabanye kwimisebenzi esikolweni.</p> <p>UBUGCISA NENKCUBEKO PF2: Ubugcisa obubonwayo GH1: UKucacisa okugqithiswa bubugcisa bakhe nokucingwa ngumfundi ..</p>	<p>(FAT3: Bakhuphela iipateni, oonobumba, amanani namagama ebhodini kakuhle)</p> <p>Abafundi bakhuthazwa ukuba bancokole iindaba zasekhaya nabazivileyo baze bazobe imifanekiso ngendatyana ezo zabo. Ngababini, abafundi baxoxa ngezihloko ngoko bakuzobileyo. Babhala iindaba zabo kunye notitshala beqaphela izithuba phakathi kwamagama neziphumlisi ekugqibeleni (ukwabelana nabantwana ngokubhala). Bakhuphela izivakalisi ezincwadini. Utitshala unika abafundi izivakalisi ezingaphelelanga baze bafakele amagama ashiyiweyo. Baqhelaniswa nokunakana nokubhala oonobumba beAlifabhethi ngokunikwa iAlfabhethi ezinqunqiweyo baze bakhe ngazo iziqalo zamagama. Umz: ...pile=apile okanye bafakele unobumba ongekho eyegameni. Umz: _sapho, ng_mama Bafundiswa izandi kugxininiswa kumalungu amabini egama umz..</p>	<p>INDLELA</p> <p>-Ezomlomo Amabali Inkcazelo Ingxoxo neencoko Izicengcelezo Iindaba -Ukubhala</p> <p>IZIXHOBO</p> <p>Incwadi yokubonwayo Itshekhilisti</p>
---	--	--	---

		nc,nd,nk,ng,nj,nt,nq,nx, ny,,nz Bh,ch,kh,ph,qh,rh,sh,th,xh. Yh...njalo- njalo	
<p>IZXHOBHO ZOKUFUNDA</p> <p>likrayoni lipensile Oonotsheluza lipateni zonobumba Oonobumba abanqunqiweyo</p>	<p>IZITHINTELO ZOKUFUNDA</p> <p>Abafundi ababhala ngesandla sasekhohlo Abagogekeyo ezandleni Abangaboniyo Abadinga ukuncediswa emakhaya Ukunqongophala kwezixhobo zokubhala emakhaya</p>	<p>AMATHUBA ONGEZELELWEYO</p> <p>Bongezelelwa ixesha lokuziphuhlisa. Utitshala angadlulela phambili ukufundisa ezinye izandi ukuba abantwana bayaqonda .</p>	<p>Okubonakaliswa nguTitshala Ngesifundo.(Reflections)</p>

UYILO LWESIFUNDO : ILITHERASI

IBANGA LOKUQALA (1) IYURE NGEMINI-----1 yure 50miz.-----
IXESHA LILONKE -----2 iiveki-----

UMHLA EKUQALWE NGAWO-----UMHLA EKUGQITYWE NGAWO-----

UMXHOLO WESIFUNDO-----USAPHO----- ISIHLOKO SESIFUNDO (Umhla wokuzalwa kuka Zizo)

IKOTA YESIBINI

IZIPHUMO ZEZIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA	INKQUBO YOHLLOLO
<p>PF 5 UKUCINGA NOKUQIQA GH 1 :Sebenzisa ulwimi ukwandisa isigama ngo-</p> <ul style="list-style-type: none"> Kubonisa ukwanda kolwazi lwabo lwesigama esifana no/ne umlinganiselo bukhulu, isimo ,ukwalatha ,mbala,santya,xesha, budala, nolwandelwano Kuqonda nokusebenzisa ingqiqo yolwimi lweenkalo 	<p>KWESI SIFUNDO PF 3: UKUFUNDA NOKUBUKELA GH 5.5 :kunakana amagama aqheleke kakhulu njengegama lakhe nokushicilelweyo kwimeko bume bendawo, GH 5.6 – kunakana amagama awabona njalo afana nala : eyakhe, negama lakhe nokushicilelwe kwimoko-bume. PF 4 :UKUBHALA</p>	<p>Utitshala uqala isifundo ngokucula iculo elithi 'min'emnandi kuwe' akhuthaze abafundi bangenelele. Ubalisela abantwana ngomhla wesikhumbuzo wokuzalwa kukaZizo esebenzisa umfanekiso/ipowusta. Baxoxa ngomfanekiso ebakhokhela ngemibuzo: - ubona ntoni emfanekisweni - bangaphi abantwana abasemfanekisweni?</p>	<p>UHLOBO lokuhlola Utitshala - Ujonga ukuba banaso isigama ngokubhekiselele kwi milinganiselo, bukhulu, isimo, mbala, xesha, budala, ukwalathisa nolandelwano - ujonge ukuba bayakwazi na ukubhala nokufunda - Abangani Bancedisana bekhuthazana.</p>

<p>zezifundo ezahlukeneyo kulomgangatho kwaye kulungiselelwa umgangatho olandelayo.</p>	<p>GH 3: Bhalela iinjongo ezakuhlukeneyo ngo: Kwenza uluhlu Kubhala iilebheli ezilula okanye iintloko zemizobo; Kuyila izicatshulwa ezilula ezifana namacwecwe omhla wokuzalwa(izicatshulwa ezibhalwayo nezibonwayo); Kusebenzisa ubuchule obulula bokufumana nokurekhodisha ulwazi njengokwenza uphando lokokuba zingaphi iilwimi ezithethwa liqela; Kucwangcisa ulwazi kwigrafu elula(itshati, uludwe lweenkqubo), Kuqokela imifanekiso efanelekileyo, nemifanekiso yegrabu ukucacisa isicatshulwa</p> <p>KWEZINYE IZIFUNDO</p> <p>MATHEMATIKA PF 5:UKUSEBENZA NGOLWAZI GH 2. hlela izinto ngokophawu olunye olukhethwe ngesizathu(umz. Ukuhlela iikhrayoni ngokwemibala) GH 6: chaza iingqokelela zakhe yezinto aze achaze indlela ezihlelwe ngayo andule aphenyule imibuzo.</p>	<p>- mangaphi amakhwenkwe namantombazana, ngabaphi abaninzi amakhwenke okanye amantombazana ? - imile njani ikeyiki, ibhaluni, itafile? Baxoxa ngeemilo zonke ezisemfanekisweni. - yeyiphi enkulu itafile nesitulo - unxibe ilokhwe enjani uZizo, imibala yeempahla zabanye abantwana, umbala weebhaloni, nowekeyiki. - uZizo ugqiba iminyaka emingaphi - abantwana babhala u-7 emoyeni, emiqolweni yabanye, nasezincwadini zabo - ngowuphi omdala okanye olingana noZizo Utitshala ubhala uluhlu lwezinto ezikhoyo kwelitheko abafundi bakhuphele baze bawafunde. - liqhubeke xesha liphi elitheko, emini okanye ebusuku? Utitshala unika abafundi iphepha lomsebenzi baze balebhelishe imifanekiso ngeelebheli ezilula. Utitshala umisa abantwana ngokweminyaka yabo</p>	<p>INDLELA Ezomlomo iingxoxo Ukubhala Babhala amanani ngamazwi IZIXHOBO</p> <p>Incwadi yokubonwayo Itshekhilisti Irubriki</p>
---	---	---	--

	<p>PF 4: UMLINGANISELO GH 1:chaza ixesha lemini kusetyenziswa isigama esifana 'ekuseni / kwangethuba', 'kusasa', 'emva kwemini', 'ebusuku'. GH 2.:thelekisa izinto ngokobude bexesha ezilithathayo (kade, kamsinya).</p> <p>PF3: ISITHUBA NESIMO</p> <p>GH 2:Chaza, hlela, nokuthelekisa izimo ezingumlinganiselo wesibini nezinto ezingumlinganiselo wesithathu kummandla nakwimifanekiso:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Bukhulu • Izinto eziqengqelekileyo okanye ezitshebelezayo • Izimo ezinemiqukumbelo ethe ngqo okanye engqukuva 	<p>ngokulandelelna, nangokobude babo. Utitshala nabafundi benza igrafu elula yeminyaka ukucacisa iminyaka yabo.</p> <p>Utitshala wahlula abafundi ngokwamaqela aze abafundise umdlalo:</p> <ul style="list-style-type: none"> - baphakamise isandla sasekunene/esasekhohlo - babambe unyawo lwasekhohlo/elasekunene <p>Ukhuthaza abantwana ukuba bacule: "ndifak'isandla sam". Abantwana babhala izivakalisi ezithathu ezilula zokuqhubeka ebalini baze bazifunde bezikhwaza.umz:</p> <ul style="list-style-type: none"> - uZizo mhle - ikeyiki imnandi - umama uyacula. <p>Babonisana ngemibhalo yabo betshintshiselana ngeencwadi zabo omnye afunde ezomnye izivakalisi ngokwamaqelana.</p>	
--	---	---	--

IZIXHOBO ZOUFUNDA
NOKUFUNDA

- Oonotsheluzo
- Amakhadi – anamagama.
- Ibhanki yamagama.
- Izichazi magama.
- Isakhelo sokubhala.
- Izivakalisi
Ezisemaphepheni.
- I-Alfabethi
- Imifanekiso
- Amaphepha omsebenzi

IZITHINTELO ZOKUFUNDA

Abafundi abangevayo
ngeendlebe
Abangakwaziyo ukwahlula
phakathi kwekhohlo
nasekunene
abangenalo iliso lokwahlula
imibala .

Amathuba ongezelelweyo

Bafumana uqwalaselo olwengeziweyo
Baxhotyiswa ngakumbi ngeencwadi nezinye izixhobo
Zokufunda. Beziphuhlisa.
Banikwa amathuba okubhalelana

OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA (Teacher reflection)

UYILO LWESIFUNDO : ILITHERASI

IBANGA LOKUQALA (1) IYURE NGEMINI-1 iyure 50 imz-----IXESHA LILONKE ----- 2 iiveki

UMHLA EKUQALWE NGAWO-----UMHLA EKUGQITYWE NGAWO-----

UMXHOLO WESIFUNDO-----USAPHO----- ISIHLOKO SESIFUNDO (Izilwanyana zasekhaya)

IKOTA YESIBINI

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA	INKQUBO YOHLLOLO
<p>PF6: UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI GH 1 :Nxulumaniso izandi koonobumba namagama ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kwahlula izandi ezimalungu-maninzi ezithethwayo ngokwamalungu; • Kusebenzisa izandi ukufunda nokupela amagama. <p>GH 2:Sebenza ngamagama</p>	<p>KWESI SIFUNDO PF4: UKUBHALA GH5: Enokuqalisa ukwakha isigama nokuphela amagama ukuze afundeke kwaye aziwe ngabanye ngo:-</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kubhala amagama amele abantu abaqhelekileyo iindawo nezinto. • Kupela amagama ngokuchanekileyo. • Kuzama ukuphe amagama angaqhelekanga ngokusekele kwizandi. 	<p>Utitshala ubalisela abafundi intsomi yezilwanyana, egxininisa ekufundiseni izandi, namagama anezandi ezimalungu-mabini nesikhamiso, afana no:inja, igusha, inkomo, ihashe ibhokhwe. Utitshala uwabhala ebhodini, aze akhuthaze abafundi ukuba bawabhale ezinwadini baze bawafunde ngokukhwaza.</p>	<p>UHLOBO</p> <p>Utitshala:</p> <ul style="list-style-type: none"> - ujonga umfundi ukuba uyakwazi na ukwahlula izandi ezimalungu amabini nesikhamiso - ujonga upelo lwamagama - ujonga ukuba bakwazi ukuchonga izinciphiso nonobumba abakhulu kumagama abantu

<p>ngo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kwazi apho igama elibhaliweyo liqala khona nokushiya izithuba phakathi kwamagama; • Kupela amagama aqhelekileyo ngokuchanekileyo, • Enza isininzi samagama aqhelekileyo, • Kuchonga nokusebenzisa isimaphambili, • Kuchonga izinciphiso, • Kuhlenganisa amagama (umz. Amagama anezandi ezifanayo okanye anesimaphambili esifanayo), <p>Kusebenzisa oonobumba abakhulu kumagama <u>abantu</u> (umzekelo: UThandi</p>	<p>Kwakha amagama kwibhanki yamagama nakwisichazi magama zakhe</p>	<p>Utitshala ubhala izivakalisi ebhodini kunye nabantwana ebabonisa ukuba amagama aphana izithuba.</p> <p>Utitshala usebenzisa amagama anqunqiweyo aze ayalele abafundi ukuba bakhe amagama ngezandi ezifundiweyo. Abafundi baqhekeza amagama alula aqala ngeqabane elinye ukwenza.</p> <p>Abafundi banikwa iphazili elula enamagama ezilwanyana bazingele amagama ukuqinisekisa upelo.</p> <p>Basebenza ngababini belungise amagama agqwethiweyo ukwakha amagama afundekayo, umz: i she ha</p> <p>bho i khwe</p> <p>sha i gu</p> <p>nja i</p> <p>mo nko i</p> <p>Bawafunde bodwa ukwenzela ukuba bancedisane apho kukho ophazamayo.</p>	<p>INDLELA</p> <p>Ezomlomo Ukubhala</p> <p>IZIXHOBO Incwadi yokubonwayo Itshekhilisti Irubriki</p>
--	--	--	--

Utitshala ubafundisa
ukwenza isininzi
samagama aqhelekileyo,
umz: ihashe=amahashe
Inja = izinja
Inkomo = iinkomo
Utitshala ugxininisa
kwizimaphambili
zalamagama,umz:inja-
izinja
Ubhala amagama ukuze
bawafunde, baze
bachonge izimaphambili.
Banikwa ithuba lokubhala
izibizo nezininzi zazo.
Utitshala ubenzela
umlinganiselo ngezinto
abazibonayo, ukubabonisa
ukwenziwa
kwesinciphiso.umz:
inja=injana
Inkomo=inkonyana
Ihagu=ihagwana.
(FAT4: Abafundi bakhetha
okanye bakrwelela
amagama azizinciphiso
kuluhlu
lwamagama)okanye
kwisicatshulwa.
Utitshala ufundisa abafundi
izivakalisi ezinamagama
abantu egxininisa
ukubhalwa kwamagama
abantu beqala
ngoobumba abakhulu:
- uThemba uxhela igusha
-uThandi utya inyama

		<p>Babhala awabo amagama beqwalasela ukuqala ngonobumba omkhulu. Abafundi bafunda isicengcelezo ngezilwanyana .Balinganisa izikhalo zezilwanyana abanye bachaza ukuba sesiphi eso silwanyana senza eso sikhalo. Basenokuqashela babhale igama lesilwanyana. Umz ..Yikati leyo ..yinkomo leyo ..yibhokwe leyo Benza umdlalo.IMPUKU NEKATI ZIYAWA LEQANA!!!</p>	
<p>IZIXHOBHO ZOUFUNDA NOKUFUNDA</p> <ul style="list-style-type: none"> • Oonotsheluzo • Amakhadi – anamagama. • Ibhanki yamagama. • Izichazi magama. • Isakhelo sokubhala. • Izivakalisi Ezisemaphepheni. • I-Alfabethi • Imifanekiso • Amaphepha omsebenzi 	<p>ZITHINTELO ZOKUFUNDA</p> <p>Abafundi abangevayo Abangakwaziyo ukubona umahluko wezinto Abangakwaziyo ukubhala</p>	<p>AMATHUBA ONGEZELELWEYO</p> <p>Kunikezelwa ngezixhobo zokuncedisa Kongezwa amaxesha okuphuhlisa . Abantwana abangakwazi kubaleka bachonga amagama abaphumeleleyo kumdlalo.</p>	

OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA NGESIFUNDO (Teacher reflection)

UYILO LWESIFUNDO : ILITHERASI

IBANGA LOKUQALA (1) IYURE NGEMINI-----1iyure 50imiz.-----IXESHA LILONKE ----2 iveki-----

UMHLA EKUQALWE NGAWO-----UMHLA EKUGQITYWE NGAWO-----

UMXHOLO WESIFUNDO-----USAPHO----- ISIHLOKO SESIFUNDO – SISEBENZISA AMANZI

IKOTA YESIBINI

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA	INKQUBO YOHLLOLO
<p>PF 2 UKUTHETHA GH3 cula, kucengceleza nokulinganisa iingoma imihobe, nemvano zandi</p> <p>Gh4 : sebenzisa ulwimi nentelekelelo yokuzonwabisa nokucinga kamnandi</p> <p><u>(ISIPHA)</u></p> <p><u>PF 2: UKUTHETHA</u></p> <p><u>GH6:..gqithisa imiyalezo</u></p>	<p><u>KWESI SIFUNDO</u></p> <p><u>PF 1 :UKUMAMELA.</u> <u>GH5:</u> Mamela imiyalezo baze bayidlulise ngokufanelekileyo.</p> <p><u>PF 4 : UKUBHALA</u> GH 6.3. Kusebenzisa ubhalo olusuka ekhohlo ukuya ekunene, ukusuka phezulu ukuya ezantsi.</p> <p>PF 5. UKUCINGA NOKUQIQA. GH3. Sebenzisa ulwimi ekuphandeni ngokubuza</p>	<p>Abantwana bacula iingoma, imihobe neemvano zandi abaziyo. Utitshala ubafundisa ingoma entsha emalunga namanzi,umz: 'Imvula' ngokuthi ayicule yedwa bephulaphule abantwana. Uyabakhuthaza ukuba bangelele bafakele iintshukumo nezilinganiso zengoma leyo. Bayiphinda – phinde de bayazi ngokuqinisekileyo.</p>	<p><u>UHLOBO</u></p> <ul style="list-style-type: none"> • Utitshala Uhlola izantya ezahlukileyo zokufunda esebenzisa incwadi yokubonwayo Unika ingxelo yenkqubo yabafundi ethabathela kwimisebenzi yohlolo • Amaqela: ayasebenzisana ekhuthazana

	<p>imibuzo nokukhangela ingcaciso. <u>PF 6: UKWAKHIWA</u> <u>NOKUSETYENZISWA</u> <u>KOLWIMI</u> <u>GH5:Kusebenzisa ulwimi</u> <u>lwentlalo oluvakalisa imbeko.</u> <u>KWEZINYE IZIFUNDO</u></p> <p><u>UBUGCISA NENKCUBEKO</u> <u>PF2: DITYANISWA</u> <u>GH2.1. ukutolika</u> amagama,imihobe,namabali ngeenngcinga ,ngokudlala, nokucinga kamnandi nangentelekelelo.</p> <p>ITEKNOLOJI PF 1: IZAKHONO NENKQUBO ZETEKNOLOJI GH 1: YILA NGO: - kukhetha isixhobo esifanelekileyo okanye izinto zokwenza imveliso elula ukwanelisa isidingo</p>	<p>Utitshala ufundisa abantwana isicengcelezo esitsha, Umz: “Manzi ayoliyo, mlambo opholileyo, mlambo ohlonitshiweyo, manzi oawengileyo. Sela ukholwe, hlamba uphole” Ababonise iintshukumo abakhuthaze bangenelele. Baqaphela izandi ezikwisicengcelezo, bazibhala kunye notitshala baze bazikhuphele ezincwadini zabo. (shared writing). Utitshala ugxininisa kumaqela na ukubaluleka kokubhala ukusuka ekhohlo ukuya ekhohlo. Abantwana baxoxa ngezinto ezibonwabisayo, umz: ukuya elwandle ngosuku lwenyibidyala. Bazoba ubuso obonwabileyo, nobukhathazekileyo ezincwadini zabo. Utitshala ufundisa abafundi umdlalwana olula. Uhlebela umfundi osecaleni kwakhe umyalezo, aze amyalele ukuba awugqithise kosecaleni kwakhe, uqhubeka njalo ude uye kufika kumfundi wokugqibela. Ubuza umfundi wokugqibela ukuba uthini na umyalezo awuvileyo.</p>	<p>INDLELA Ezomlomo Ukubhala Ukubonalisa</p> <p><u>Izixhobo</u></p> <ul style="list-style-type: none"> • IRubrikhi • Isikali sokuhlela. • Incwadi yokubonwayo.
--	---	--	--

		Ugxininisa ukubaluleka kokumamela ngokufanelekileyo ukuze udlulise umyalezo onguwo. Utitshala uyalela abafundi ukuba benze ipowusta eneendawo ekufumaneka kuzo amanzi,bezoba, besika, bebhala	
		Abafundi basebenzisa iphazili ukukhangela amagama abawanikiweyo, umz: edamini, emthonjeni, etankini, elwandle, emlanjeni	
<p>IZIXHOBO ZOKUFUNDA</p> <ul style="list-style-type: none"> • Oonotsheluzi • Amakhadi – anamagama. • Ibhanki yamagama. • Izichazi magama. • Isakhelo sokubhala. • Izivakalisi Ezisemaphepheni. • I-Alfabhethi • Imifanekiso • Iphazili • Iimagazini • Abafundi 	<p><u>IZITHINTELO ZOKUFUNDA</u></p> <p>Umfundi ongevayo Ongaboniyo Okhubazekileyo engqondweni</p>	<p>AMATHUBA ONGEZELELWEYO</p> <p>Bongezelelwa ixesha lokuziphuhlisa nokucinga Kuyalezwa amakhaya abo bancediswe Kucelwa uncedo kumasebe empilo xa kukho imfuneko</p>	

OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA NGESIFUNDO (Teacher reflection)

UYILO LWESIFUNDO : ILITHERASI

IBANGA LOKUQALA (1) IYURE NGEMINI—1 iyure50imiz-----IXESHA LILONKE –2 iveki-----

UMHLA EKUQALWE NGAWO-----UMHLA EKUGQITYWE NGAWO-----

UMXHOLO WESIFUNDO-----USAPHO----- ISIHLOKO SESIFUNDO – Siyalima ezitiyeni

IKOTA YESIBINI

ISIPHUMO SESIFUNDO NEMIGANGATHO YOKUHLOLA	UNXULUMANISO	IMISEBENZI YOKUFUNDA NOKUFUNDISA	INKQUBO YOHLLOLO
<p>PF 3: UKUFUNDA NOKUBUKELA</p> <p>GH3 : Phuhlisa intsingiselo yesicatshulwa esibhaliweyo: >ngokufunda ibali notitshala >kuxoxa ingcinga ephambili >kuchonga inkcukacha (abalinganiswa abaphambili, ulandelelwano lweziganeko, indawo ekwenzeka kuyo ibali) >kuchaza ukuba uyalithanda okanye akalithandi aze anike izizathu.</p> <p>GH6: fundela ulwazi</p>	<p><u>KWESI SIFUNDO</u> PF 4: <u>Ukubhala</u> GH 1: Bhala ngokufundeka okukhulayo ngo:-</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kusebenzisa izixhobo zokubhala ezifana neekrayoni neepensile ngokufanelekileyo. • Kuvelisa ukwakhiwa koonobumba be Alfabhethi ngempumelelo. <p>PF 6. UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI.</p>	<p>Abafundi baphendula imibuzo ebuzwe malunga namava abo prior knowledge) Ufundisa abafundi iculo alibhale etshatini, (umz: “sayilima ingqolowa”. Ufundisa ngebali elisencwadini enkulu, umz: “ukulima”. Kuxoxwa ngomfanekiso oseqweqweni lencwadi. Usebenzisa oonotsheluzi ebazisa ngamagama angundoqo ebalini, umz: isikhukukazi, ingqolowa, isinkcenkcesheli, ibhokhwe,inja. Ubuza ebafundini ukuba</p>	<p><u>UHLOBO</u></p> <p>UTitshala Uhlola izantya ezahlukileyo zokufunda esebenzisa incwadi yokubonwayo Unika ingxelo yenkqubo yabafundi ethabathela kwimisebenzi yohlolo Ujonga ukuba umfundi unakpo ukupela amagama ngenndlela eyiyo. Unako ukusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo Umlingane: unako ukufuna</p>

<p>nolonwabo ngoku >funda iincwadi Imifanekiso ezineentloko ezilula.</p>	<p>GH1: Nxulumanisa izandi koonobumba namagama ngo:-</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kwahlula izandi ezimalunga maninzi ezithethwayo ngokumalungu. • Kusebenzisa izandi ukufunda nokupela amagama. <p><u>KWEZINYE IZIFUNDO</u> <u>UBUGCISA NENKCUBEKO</u> PF 4: <u>Ukuzivakalisa</u> GH2: <u>Dlala</u> PF 2.1: Ukuhlola izimo, ubunzima nemvakalelo yamagama nezandi kwimidlalo yedrama eyilayo</p>	<p>bacinga ukuba ibali lingantoni? Uxhoma igama ngalinye abafundi abasebethethile ngalo. Ubuza ebafundini ukuba xa bejonga emfanekisweni bacinga ukuba ngobani abalinganiswa abaphambili. Utitshala ufunda isihloko kunye nombhali, abafundi bephulaphule. Utitshala ufunda kunye nabantwana. Abafundi bafunda ngamaqela.(group reading) Umfundi ufunda eyedwa(independent reading) Ubuza ngokulandelelana kweziganeko ebalini. Ubuza ukuba ukuba balithandli na ibali, banike izizathu. Bafunda incwadi –mifanekiso nasemakhaya. Abafundi amagama abawabizelwayo, umz: bebonakalisa ukushiya izithuba phakathi kwamagama. Abafundi banikwa umsebenzi wasekhaya, bavala izikhewu kwizivakalisi ngamagama abawafundileyo. Batshatisa imifanekiso kunye namagama. Bagqibezela amagama</p>	<p>ulwazi kwithala leencwadi zeklasi Unako ukufunda aphenidule imibuzo</p> <p>INDLELA</p> <p>Ezomlomo Ukubhala Ukubonalisa Ezomlomo Ukubhala Ukubonalisa</p> <p><u>IZIXHOBO</u></p> <ul style="list-style-type: none"> • IRubrikhi • Isikali sokuhlala. • Incwadi yokubonwayo.
---	--	--	---

		ngokuthi bafakela izandi ezishiyiweyo abafundi banikwa amagama bakhe izivakalisi. Utitshala ukhuthaza abafundi ukuba baqokelele amaphepha-ndaba, iimagazini ukuze bafundele ulonwabo.	
<p>IZIXHOBO ZOKUFUNDA</p> <ul style="list-style-type: none"> • Oonotsheluza • Amakhadi – anamagama. • Ibhanki yamagama. • Izichazi magama. • Isakhelo sokubhala. • Izivakalisi Ezisemaphepheni. • I-Alfabethi • Imifanekiso • Iphazili • Iimagazini • Amaphepha-ndaba • Abafundi 	<p><u>IZITHINTELO ZOKUFUNDA</u></p> <p>Umfundi ongevayo Ongaboniyo Okhubazekileyo engqondweni</p>	<p>AMATHUBA ONGEZELWEYO</p> <p>Bongezelelwa ixesha lokuziphuhlisa nokucinga Kuyalezwa amakhaya abo bancediswe Kucelwa uncedo kumasebe empilo xa kukho imfuneko</p>	
<p>OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA NGESIFUNDO (Teacher reflections)</p>			

UYILO LWESIFUNDO :

IBANGA LOKUQALA (1) IYURE NGEMINI-----1hr ----50miz-----IXESHA LILONKE -2iiveki-----

UMHLA EKUQALWE NGAWO-----UMHLA EKUGQITYWE NGAWO-----

UMXHOLO WESIFUNDO-----USAPHO----- ISIHLOKO SESIFUNDO – Umhla yokuzalwa kwethu

ISIPHUMO SESIFUNDO	UNXULUMANISO	IMISEBENZI	INKQUBO YOHLLOLO
<p>PF4 <u>UKUBHALA</u> GH3: Bhalela iinjongo ezahlukeneyo ngo:-</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kwenza uluhlu • Kubhala iilebhile ezilula okanye iintloko zemizobo. • Kuyila izicatshulwa ezilula ezifana namacwecwe omhla wokuzalwa. • Kusebenzisa ubuchule obulula bokufumana nokurekodisha ulwazi kwigrafu elula. • Kuqokelela imifanekiso yigrafu ukucacisa isicatshulwa. 	<p>PF: 5 <u>Ukucinga Nokugqqa</u> GH3.3: Kuyilo izicatshulwa ezilula ezifana namacwecwe omhla wokuzalwa (izicatshulwa ezibhalwayo nezibonwayo)</p> <p>GH 4.1: Kuba negalelo kwiingcamango ekubhalweni kwebali ngokwamaqela (okokuqala utitshala njengo nobhala).</p> <p>PF6: <u>Ukwakhiwa Nokusetyenziswa kolwimi.</u> GH3: Sebenza ngezivakalisa nqo.</p>	<p>Kukhunjulwa imihla yokuzalwa kwabantwana bebanga lokuqala. Bahlulwa ngokwenyanga abazelwe ngazo bonke. Baphendula imibuzo ngokunika imihla neenyanga abazalwa ngayo. Bafunda ukubiza iinyanga zonyaka. Utishala ubabonisa itshati yeenyanga zonyaka ezibhalwe ngolwimi lwabo, Mqungu, Mdumba, Mbasa njl. Utitshala ubafundela iinyanga ekhomba, nabo bafunde. Babhala ezincwadi zabo</p>	<p><u>UHLOBO</u></p> <ul style="list-style-type: none"> • UTitshala • Umlingane • Amaqela • Umlingane <p>INDLELA</p> <p>Ezomlomo Ukubhala Ukubonalisa Ezomlomo Ukubhala Ukubonalisa</p>

	<ul style="list-style-type: none"> • Kubhala izivakalisi ezifushane, Umzekelo: USamkelo uphumelele umdyarho. • Kusebenzisa iziphumlisi- Unobumba omkhulu ekuqaleni kwesivakalisi. • Nesiingxi ekupheleni kwesivakalisi. • Kusebenzisa izibizo, izimelabizo (mna, yena) nezihlomelo ezichanekileyo. <p>Kusebenzisa ixesha langoku nexesha eladlulayo</p>	<p>amagama eenyanga. Kwakhiwa ibhanki yamagama. Ngengqokelela yamagama eenyanga.</p> <p>Ngoncedo luka titshala ubhala amagama esakha isivakalisi esebenzisa izandi azifundileyo.</p> <p>Kubhalwa amagama eshiya izithuba phakathi kwakho ngokufanelekileyo. Kufundwa indlela yokubhala ukusuka ekhohlo ukuya ekunene. Kwakhiwa izivakalisi ezifutshane.</p> <p>Kunakanwa amagama abonwayo.</p> <p>Umfundi uyila ikhadi lokunqwenenelela umhlobo wakhe umhla wokuzalwa, besika imifanekiso, besebenzisa neekhrayoni ukuzoba.</p> <p>Utitshala namaqelana bafundi bakha igrafu ngokufolisa abazelwe ngenyanga enye ndawonye. Umz: amakhwenwe azelwe ngenyanga enye, amantombazana azelwe ngenyanga enye, abafundi bexubene. Igrafu ixhonywa egumbini. Bayalezwa emakhaya beze nengqokelela yamakhadi amadala neekhalenda .</p> <p>Bawasebenzisa</p>	<p>IZIXHOBO</p> <ul style="list-style-type: none"> • IRubrikhi • Isikali sokuhlela. • Incwadi yokubonwayo
--	---	---	--

		<p>ekuwafundeni, nasekuwakhupheleni kwiincwadi zabo, umntu ekhetha abhale amazwi amnandi kuye. Umfundi ubhala amagama abafundi azelwa nabo kwinyanga enye.</p>
<p>IZIXHOBO ZOKUFUNDA</p> <ul style="list-style-type: none"> • Oonotsheluzo • Amakhadi – anagama. • Ibhanki yagama. • Izichazi magama. • Isakhelo sokubhala. • Izivakalisi Ezisemaphepheni. • I-Alfabethi • Imifanekiso • iikrayoni • Iimagazini • Amakhadi eminqweno • Abafundi 	<p><u>IZITHINTELO ZOKUFUNDA</u></p> <p>Umfundi ongevayo Ongaboniyo Okhubazekileyo engqondwen</p>	<p>AMATHUBA ONGEZELWEYO</p> <p>Bongezelelwa ixesha lokuziphuhlisa nokucinga Kuyalezwa amakhaya abo bancediswe Kucelwa uncedo kumasebe empilo xa kukho imfuneko</p>
<p>OKUBONAKALISWA NGUTITSHALA NGEFUNDO (Teacher reflections)</p>		